



Isalathiso: 20200508-6146  
Inombolo yefayili: 12/2/10/5/5  
Imibuzo: C Banda

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKarityhulam yeFET: DCF 0004/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundu eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKarityhulam, kuBalawuli beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundu eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakwiiNtloko zawo onke amaziko alungiselela abaviwa kwiiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone

**Isihloko: Uncwadi olumiselwego lweemviwo zeBakala 12 zangoNovemba 2020 nangoJuni 2021**

1. ISebe leMfundu esiSiseko (DBE) likhuphe iSetyhula E6 ka-2020 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A**), ephathelele kwiiincwadi zokufunda zoncwadi olumiselwego lwazo zonke iilwimi zaseburhulumenteni kumanqanaba oLwimi lweeNkobe, oLwimi lokuQala noLwesibini oloNgezelelweyo kwiiimviwo zeBakala 12 eziya kubhalwa ngoNovemba 2020 nangoJuni 2021.
2. Amaphepha emibuzo yoncwadi lweBakala 12 azo zonke iilwimi zaseburhulumenteni kwiiimviwo zangoNovemba 2020 nezangoJuni 2021 aya kusekelwa kuncwadi olwalumiselwe iimviwo zangoNovemba 2019 nezangoJuni 2020.
3. Ngoko ke, makuqatshelwe ukuba luyafana uluhlu loncwadi olumiselwego lweemviwo zangoNovemba 2020 nezangoJuni 2021 ngokweSetyhula E39 yeSebe iDBE yange-09 Disemba 2016 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo B**) neSetyhula E19 yeSebe i-DBE yange-03 Agasti 2018 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo C**).
4. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane onke amaziko nabaviwa abaza kuhlalela iimviwo zangoNovemba 2020 nezangoJuni 2021 zeBakala 12 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelone (NSC) ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE: NGU-PAD BEETS**

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOAVANYO**

**UMHLA: 2020-05-11**